S.E.R.M.: *Imvo Zabantsundu* (22 August 1911), page 3

**U Bombo**

*U Yehova u Tixo wetu nguye osinyusileyo tina no bawo betu.*

Oko sati sasekwa esiya sikolo sase Ncemera (Peelton) ngu Baliti (Rev. Richard Birt) ubungati uyile ubone igwangqa elimhlope, elinobom, eliteta isi Xosa esiya sona samanyange. Ubungati ubuzile ukuba nguyena banina lengwevu, kutiwe lo ngu Bombo, into ka Halimana, yasema Cireni, kwa Qanqolo, kwa Mhlandlandlovu, kwi Midange yase Nqabazeni.

U Bombo uvele ngelaxesha imi Dange ibisatyalile, itabate ama Sheshegu la nemi Xhelo, nama Kobonqaba kude kuse kwa Somaseti. Besisiti tina untanga nye no Baliti lowo: kodwa abasomayo bati ubengasemva ngeminyaka esixenxe kumfundisi apo. Ukuba u Baliti ebeseko ngeleba namhla ugqiba ikulu leminyaka; - u Bombo ke ufa ekumashumi ositoba anesitatu (93) eminyaka.

I Lizwi walifumana kwakwelozwe lemi Dange; usuka no Baliti e Mxhelo apo, ngencitakalo yemfazwe, ngesimatonts' abanzi, beligcudwana lamakolwa angqonge lomfundisi, -lomhla u Baliti wahlabela lengoma yama 34 kumaculo amatsha ase Rabe, iti:

1.Nguwe wena O Yehova

Omisa isimo setu:

Nguwe Tixo ongowetu

Oqinisa umda wetu.

3.Besicitakele sonke

Wasigcina wena noko;

Oko masikukumbule,

Sikubeke ngentliziyo.

6. Sakufika endaweni

Oyinyuleleyo Tixo,

Usincede sikazimle

Ngako ukukanya kwako.

Ayivuma lomadoda longoma ezipete ngenkope inyembezi, kunye nentsapo yawo, kuba ayengazi apo abhacela kona. Kanti ke aya kufumana le Ncemera. Wahlala ke lo Bombo eyingalo yase kunene ku Baliti, waye napakati komzi apo engena sisolo nasisihla. Umhla awake akaqondana no Maneli kungo Ngcayecibi. Makuti lama Mfengu a Pesheya kwe Nciba ayeye kugqota kwa Hoho, xa agodukayo, abone inkomo zesikolo eso ecaleni lendlela, aselesuka ezisuba esenjenjeya nazo. Yeka ke, ukupuma kwamadoda ase sikolweni epetwe ngu Bombo! Apuma etandele iqiya ezintloko, exhobe amarwana ne zinandile ukuputuma! Ute uyokuba u Maneli wotuka selifile pakati komz' apa. (Waye yena ebecinga ukuti lento yalama Mfengu ingaya kuxolwa ku Rulumente uyise wawo, awahlaulise). Ute akotuka sekuyilento wakala ngo "Bhombo" umfundisi esiti: "Bhombo, ndabhala ku Government, ndati nina niti rebel, ndabhala Bhombo!! Ulenze lalinye u Bombo, wati, "Bhala." Kwanceda ukuba ezonkomo zatintelwa e Mtonjeni.

Ngelixesha selalupele u Bombo ubesele nentlamba yobuxego nasetyalikeni, - ubesiti ukuba akaluqondanga uhlobo lwentshumayelo yendoda emiyo, iti ukuba ite tandaza mzalwana, Bombo, asuke ayiti qu ngamehlo, ide isuke icele mzalwana wumbi.

Kwi Cawa Yesidlo se Nkosi engapambi kweyokunduluka kwake, wayeko naye, umzi sowutuswa kukubikwa, ngokuhlwa ngo Mvulo (10th July) kusitiwa "ubawo u Bombo akusekuko, sisisu," ate ayapanga amadoda apambili ngolwesi Bini ngokuhlwa, afika u Bombo engasena kubuye abizwe asabele. Kwase kuyekelwa kwelokuba uye apo ebesebenzela kona. Kute ngokungabiko komfundisi wake u Rev. M.H. Wilson, wangcwatywa ngu Rev. Jno. Harper wase Gqubeni, kwindawo abehlala eyiyaleza eyilungisa, ecaleni lo mkake, ngolwesi Ne, 13th July.

Uitye ndilibeka ngemihlali nangomemelelo[1], ndisiti:

Ayahamb' amanyange tata,

Aya kudl' imbadu no Kilisitu

---

[1] nangon emelelo

Ayehlal’ emkankany’ apa tata,

Sidela emcamamisa.

Kuba kuko mvuni tata

Igama lake ngu Kufa!

Lo Krestu ngowabahleliyo tata;

Yiqonde kakuhle londawo.

Akako nkosi yabafileyo tata,

Nakwele sitatu izulu.

Kuba kuko mvuni tata

Igama lake ngu Kufa!

Namhl’ u Bombo uhambile tata,

Um-Ngqika ugodukile.

Wopat’ ishumi lezizwe tata

Kub’ u Krest’ umdumisile.

Kuba kuko mvuni tata

Igama lake ngu Kufa!

Uyolel’ esahamba tata,

Gcina wenz' ezo ziyalo;

Lo ngumtunywa wetu tata,

Kulo nkundla yakwa Menzi.

Kuba kuko mvuni tata

Igama lake ngu Kufa!

Lent’ ukuf’ asinto yanto tata,

Sesibuye sayiqonda;

Yincwadi nje yakwa Tixo tata,

Yokusivisa indaba.

Kuba kuko mvuni tata

Igama lake ngu Kufa!

Hamba ndlela ntle ke bawo,

Ap’ enyangweni.

Wobulisa ku Mtriniti

Nase zingelosini;

Uz’ utete kamnandi bawo

Ap’ e Kay’ e Nyangwaneni.